

# Imvo Zabantsundu.

(NATIVE OPINION.)

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.

IXABISO 3d.]

KINGWILLIAMSTOWN, NGOLWESLNE, JUNE 14, 1888.

[No. 187

## INGUBO ZO BUSIKA.

Basandukufikelwa yimpahla eninzi ngamikombe yezo zixelwa ngentla. Banovuyo ekubizeni bonke abalesi beli pepa ukuba ke

## BAKANGELE EZIMPAHLA ZILANDELAYO,

Zizanyelayo zonke ezinye ngokulunga nobutshipu :—

Iminqwazi, 1s 3d, 2s, 2s 6d.

Ihempe zokusebenza, 1s 3d, 1s 6d, 1s 9d, 2s. Ibhulukwe ze sitofu ziqalela 3s; Ibbaty 5s 3d.

I suti ze Norfolk Blue Serge, 26s

Imibhalo etshipu kakulu. I blankete netyali zoboya.

Ibhulukwe ze kodi, 5s 6d.

Siyazisisika ibhulukwe. Izitofu ezilula eziketiweyc ziqalela kwi 15s 6d. Zimmile kanye umntu. Ama- qina ne zi kafu.

Kweli lase ma Xoseni yiza kuzinyulela kwingubo zakwa DYER no DYER ezihleliweyo. Isuti zabafundisi ze Black Russel Cord, nezalakana, Iminqwazi yabafundisi ne kalala.

I bhatyi zokwaleka zamakwenkwe, abafana, namadoda ziyaqala ukuvulwa ezimpahleni.

**Kwa DYER no DYER,**  
KING WILLIAMSTOWN.

## ENDWE!

KUFUNWA

Inqwelo Zokutwala Amalahle

ZIWASE E-

**METELE NASE KOMANI.**

18th January, 1888.

## A. W. REID,

UMTENGI WENTO YONKE,

e Downing Street, King Williamstown,

nase East London (e Monti).

*Uboya begusha, nobe seyibhokwe, Intsiba ze Nciniba, Izikumba, Imfele, Impondo, Itapile, njalo, njalo.*

Utenga ngawona manani makulu ase Markeni nge CASH.

## ISAZISO.

UMANYANO lwa Bantsundu pesheya kwe Nciba luya kungena ngomhla we 16 ku June lo, kwa Nomaheya, endlwini yesikolo.

JOHN F. MAZAMISA.

Ehlobo,  
2 June, 188 .

Isikolo Sokuqeqesha Intombi,

E DURBAN, PEDDIE.

KWISIKOLO sentombi e Ngqshwa epo zifandiswa zonke intlobo zomsebenzi wendlu, kwakunye nowenowadi, koya kuba-ko izituba ezimbalwa ekuvulweni kwaso ngo 31st July. Intlaulo zi £2 nge kwata, ekuti kwapulwe xa ingamantombazana amabini amntu mnye. Abafuua ukungena bangabhalela ku

REV. E. GEDYE.

Peddie.

## BONISANI.

Amahashe amabini, elinye yinkabi efosi enekolo, no mnxuma endlebeni yase kunene, eno O caleni lase kunene, etshoba lifutshane; elinye yinkatyana emfutshane emqolo ugobileyo, amanqina amhlope omabini asemva. Alahleke ngo 15 April odluleyo. Woti wakuya umkondo ubhale ngo Mr. Wilson, Colesberg.

JAMES KWEZI.

## Omanyano nge Mfundo.

Intlanganiso yolu Manyano iyakuba se Debe kwa Matubela, ngomhla we 10 July, 1888. ngolwesi-Bini evekini, iqale ngeza le 11 kusasa. Amapepa engxoxo ayakuleswa ngo Messrs. J. B. Yekela, Alex. M. Njokweni, Robert N. Gaba, no D. Dwashu. U Mr. D. Mbaza uyaku- ndulula ingxoxo ngo "Titshala nosapo olufundayo qzikolweni zangapandle." B. SAKUBA, Hon. Secretary.

Kingwilliamstown.  
4 June 1888.

## ISAZISO.

NDINIKA esi sazieso kubo bonke abagaula kumablati aku Tsolo. Bonke abaya kufunyanwa bebamba nabapete i Licence zokugaula, kodwa engoko amagata abo, bonke ndobabamba ndibase kwi Mantyi yakwa Tsolo ukuze kubone yona ukuba abanatyala. Mna nditi bonke abanjalo bangababelekwa.

THOS. NOUDLE,  
Umgcini-Mahlati.

Kambi,  
8th May, 1888.

## KO TITSHALA.

LO ugama lingezantsi ufuna um Vangeli ne titshala ezimbini ezine Certificates nezitnilo.

JAMES M. DWANE,

Macubeni,  
Lady Frere.  
2nd May. 1888.

## KWA BEET.

IMPAHLA ihleli yodwa ngase ntolongweni endala. Ingcawa, ilokwe, ibhulukwe, amahashi, inkomo. Yonke into oyifunayo Isisisulu! Isisisulu! e Qonce ukangele emarkeni. Kufike into eninzi yonoxesha bengubo zamadoda.

Ibhulukwe ne Bhatyi ezingonoxesha zi tshipu.

## Ikaya Labantsundu.

UPAUL XINIWE usaligcinile i " KAYA " LENU — uyazibulela izandla zenu— uhleli elungele ukunikonza ngendlela zonke (General agency)

## I-FASHONI EZINTSHA,

## EZIVELA EYUROPE

Ezatanenekazi i Fur Capes.

Ezamanenekazi i Fur Dolman- ettes.

I jersey ezintsha ziqalela kwi 3s 6d to 5s 11d.

Ezangapantsi eziluklweyo, zi- tshipu kakulu.

Izitofu zelokwe zobusika ezitsha.

Iflanele ezenziwe- ngoboya begusha Zase Afrika.

Izikafu, netyali.

Into eninzi yezihlaugu zamane- nekazi ezidla i 7s 6d ziyaku- tengiswa nge 5s 11d.

Zonke ezinye impahla zitshipu kanye kOtenga ngemali.

W, O. CARTER & Co.

MACLEAN SQUARE,

## Baker, Baker & Co.

e QONCE (Kingwilliamstown),

Bane mpahla ezilunge kakulu nakuni Bantsundu.

I BHULUKWE ne BHATYI ze KODI.  
I BHULUKWE ne BHATYI ze ZITOFU.  
I SUTI ze ZITOFU.  
I HEMPE ezilushica.

Zitengwa ngawona manani atshipu.

I MICAKO, ye KALIKO e Brown ne White.  
I PRINTI, i-LINZI, i-KODI.  
IQIYA ze Keshemiya ezimnyama nezinamabala.

Impahla yokutshata kulapo ikona.

Ofani ngofani be TYALI.

KWA

## Baker, Baker & Co.

KINGWILLIAMSTOWN.

## JOHN J. IRVINE & CO.,

## ISITORA ESITSHA,

## Sengubo nobu Qeleqele

## beza Mankazana,

## E-QONC E.

Ezamadoda Ihempe, 1/- 1/3, 1/6  
Ibhulukwe ze Kodi, 5/- Eze Twidi  
ibhulukwe, 4/-

Ibatyi ze Twidi (iqukunjelwe yonke) 6/6

Eze Twidi i Suti, 1/6/9

Ikeleko, 2d.

I Printi (intlobo ezintsha) 3d.

I Linzi, 3d. Ityali ezimnyama, 2/-

Alikazanga libeko elinjengeli icam.

## UTIKOLOSHE! UTIKOLOSHE!

Utikoloshe obefuda ekwa Ngomti uyabulisa

## KUBO BONKE ABANTU,

Ebazisa ukuba sele fudukile kwa Ngomti,

## SELEVULE EYAKE IVENKILE KWASE MARKENI APA.

Ingubo, Ibhulukwe, Ityali, Zonke intwana ntwana ziko.

Ababenamatyala kwa KEEVY mabeze kurafa kuye.

Yizani kuzibonela ngokwenu!

Izikumba, uboya nantonina yizani nayo kwa Tikoloshe,

A, J. CROSS & CO.



Bebefanele kungoku bonke

Abamkeli be "Mvo"

ukwazi uhlobo abemi ngalo kwincwadi zepapa mayelana nentlaulo kuba batunye-lwe izikumbuzo.

Abanemibuzo siyaku-vuyiswa kunene ukuba sibacacisele, s i v a n e kanjako.

Bacelwa bonke ngentobeko ukuba kwangayo lenyanga bayiqosheli-sele intlaulo ku

30 JUNE, 1888

Kuba sifuna ukuvana, ngapezu k o k u b a ke kwanjalo, nebandla le "Mvo nge Kwata zonke kumaxesha azayo

A m a g a m a angena kutsha olungelelana ne Kwata engeniswe ngayo lenyanga.

Intlaulo yepapa isahlile iyinto eyayiyiyo mhla mnene isheleni zontatu ne sikisipeni nge Kwata. Ati umntu kodwa akuhlala kwase ntloko (kwinyanga yokuqala e Kwateni) apulelwe isikisipeni.

Lingenziwa lik ulu ngo September lo uzayo eke wati, elowo uselelamkela wazingenisa kwinkatazwana yokungenisa igama elitsha ekulamkeleni ngazo ezinyanga.

Imvo Zabantsundu Kingwilliamstown. 5 June, 1888.

Iveki

ULIROXISILE u Bulumeni icebo lokuyivala i Ofisi yocingo ese Jamestown.

ABABHEXBHSHI mabalinmkele nkwenza inqatshi ngezinyi apa e Qonce. Sebeke babanjwa, bohlaywaya, abenjenjalo.

YIMISAZA amawetu angabavoti ukuya ezi Ofisini, cyakuzeka amaqaqa abonisa ukuba bangahamba ngenkululeko njengama Ngesi, bengakange bayekucela ipasi namida, de. babe bayaquba.

SATI xa sasimana sisiti Amagama gama, sangati singabahlwe yicesiui. njani ngoku ?

ENYE intokazi entsundu engu ekwase Smith Street apa, idliwe £5. ngo- knsila nokutengisa umqomboti. Abukali pezu kwabasili amadindala.

U MR. C. A. Jay, unyulwe kwakona ukuba abe yinkalo (Mayor) yomzi wage Qonce.

INGOZI ezibeko kwindlela zika loliwe ngenyaka odlulileyo, njengoko zixelwa kwincwadi yakomkulu, zinjike ukumakwa. zo:—Basixenxe abantu abafileyo, balishumi linesitoba abenzakeleyo, kulandelela ibbeka e Kapa. Bahlanu abafileyo, bekwabahlanu abenzakeleyo, kwaba basinga e Bhayi. Kolo usinga e Monti mnye owenzakama. Mayelana nazo zonke ezingozi, kuzilibala isimilo nokuswela intelekelelo, imbangi.

OMNYE umkombe oyi Emma uqekekele kulupi necwaba lo Mtata, kwafa wamnye umntu, isibhozo ngenkosana sasinda. Lenyanawa ibilayishe amalahlwe evela e Liverpool.

ELASE Mtata libalisa ngokutshiswa kwe. zindlu zabantu ababini abanukiweyo kwesi ka Nqwiliso.

ELIPEPA akudtuli veki lingabalisi ngen- ndaba ezibanga ukuba igazi libeshushu kwabamhlope beli letu ngento zobunyama ezihla ema Mpondweni.

IKORANTI ezimbini sama Ngesi zeli—i Advertiser- yase Monti, ne Reporter yase Barkly East — zifudukela e Transvaal. Ukuba abemahlanu ke amapepa eDabisa asuke kule Koloni aya e Transvaal.

"IDABI ELIKULU" lenkumi yenkomo ne namba. liti ipepa elibelibalisa elidabi, yinto eliyiqale kweyalo intloko, ukumangalisa abantu nokuvusa ingqondo.

IMASISI isasoloko yenze isitonga esinye apa e Qonce. Yaye necesini ibonakala ukuba iwile.

KUKO abantu abadlala kakubi. Lite inene lase Johannesburg xa lise Durban, e Natal, lafumana ucingo lokuba owakwalo ngubhuhile ekaya, ligodukile lifumene epile ngokwentlanzi emanzini, engazanga waba natu.

KOKWKSITATU namhla abantu bebhadwa ngababini e Johannesburg. Kufunyenwe kubulewe ndaweninye Ilau nowakwa Zulu, kubonakala ukuba babetwe ngentonga, kuba njwe isibini samadoda esifunyenwe kufupi nalondawo sihlamba igazi ezintongeni.

U CHARLES ZONA, no Robert Ncapai. no Philip Peter Zingani balindiselwe i Jaji yimantyi ngokurodomsha ixego lomlungu u Mr. James Grant.

Kwi MVO egqitileyo kutiwe imali efunyenwe esandleni ngapandle kwamadinga, kwi timiti yo 2nd May pantsi kwamahlali yayi £12 11s. 10d., kanti yona yayili £18 12s. 11d.

IPALAMENTE yase Natal iyakudibana ngo 18 July.

IZIKOLO zangapandle zivalwa ngolwesi- Hlanu lweveki ezayo—22 June.

UTE umfo omnyama e Maritzburg akubona ukuba akako umlungu wake wangena watabata konke anako kwada kwase tnpini. Suka xa apumayo nge festive wadubula lalula umbete kwalapo.

KUNCONYWA ukufudaka kwabamhlope kwe. lika Adam K'ok, besiya kwele Golide ngenxa yokuba kungeko nto ingenayo ngokuhlala

U KING, umxhoti, selese Mtata, apo aye kuxhoma Amampondo amabini. Lamadoda kuvakala ukuba ake aziposa amaxhaka kubagcini bentolongo abahlala i oipu, ati umgcin singcaugo amosela engqwinibeni. Ibe yimigndu ngapambi kokuba babotshwe, omnye ude wadutyulwa yangena ngasemva.

IXABISO legolide etunyelwe kwelama Yurope, kuqalela ekuqaleni kunyaka yi £783,525.

E DELAGOA BAY kufike nge nqanawa evela e Portugal Amatnigrant amashumi mahlanu nentsapo yawo, aze kuxelenga kwelo. Kwa. ngalowo mkombe u Rulumeni wama Portuguese utumele 150 amajo i azekupata idiniso lobudindala.

INDLU ka Mr. J. T. Button, ekumfula we Zwaartkop, e Natal, itishe ipela.

NGENYE imini apa knobwe edyalitini yentolmgo yase Maritzburg iqela Lababa njwa eliku 30 lusuka kunye liputuma ama- dindala abebagcinile ngamatye nezindo, ekutyumke ukakayi nomhlali weluyue idindala, abanye benzakala, kodwa bam ba lwa abenzakele kubabanjwa, ade amadindala adubula nge pistoli pezu kwentloko zaba- banjwa, baqonda ukuba lipanyazo ukungena kunapakade bauquumama. Lento isacedu. lulwa, kucaic'e kona ukuba lento ibicetyiwe.

UMVUZU wo Mongameli wolaulo lwase Free State unyuselwe kwi £3,000.

IMBANGI yesi siphitipiti likoyo kwa Zulu kukuba kusitiwa u Dinizulu ube inkomo zika Mnyamana; kanti yena ubu udla umntu wake.

SKKUNDULUKE impi eku 250 amadoda, enkosi ya Besutu engu Hlubi ukuya kubamba u Dinixulu.

U MR. F. B. FYNNEY, Umhloli-zikolo zaba ntundu e Natal, ubhubhe nge 4 June ngase Maritzburg.

KUWLWE ityalike entsha yabantsundu yebandla lase Amerika Emntwalumi. Ngu Bev. G. Wilder umfundisi weso Sikolo.

IMANTYI yase Bhofolo isand' ukudl' umfo ongn Tom Foli £4 ngokusuka angenise nga- pandie kwencwadi kwisitili ease Bini isipani senkabi, evela nazo e Bhofolo kanti kuko umteto ongakuvumeliyo oko.

AMASKLA ake angena ngobusuku ezitalini zika Mr. J. W. Green wage Balfour kutshisi. we emka nehaltire nesali ezintatu, enye ibisandukutengwa.

ICEBO lokuba ipelisse irafu yamapheke. pheke ebelingeniswe e Palamente ngu Mr. Douglass, lixoxwe izolo, alamkelwa.

IMVO ZABANTSUNDU

NGOLWESI-NE, JUNE 14. 1888.

Imbumba ya Bantsundu, KUSIVUYISA kune uk ubona ukuba amawetu ayawuva umkhosi esiwuhlabileyo kwakona ngentlanganiso yokukangela into eziyimfanelo yawo njengokuba engumzi. Incwadi zababhaleli ezi- kwelanamhla, zalata ukuba lendawo isengxoxweni. Kuyakuba kuble into elunge kunene ukuba lengxoxo ikoyo ite yadubula ekwenzeni.

Kambe lento ikukwenza ayikapu- kapu njengokuteta; yaye kanjako kungangi xa yenziwayo into kunga- tatyatwa eyona ndlela inzima. Asele- ke enziwa amalinga okwenzela umzi ontsundu intlanganiso; siteta nje ineminyaka iko intlanganiso yo Manyano nge Mfundo; iko nale yabaxulutywa bela Mamfengu; ukuba asiposisi ngati ibisukubako nena Batembu bakwa Gcina. Kanti noko zikoyo ezintlanganiso aziyifezi into yokumenza Imbumba Yama- nyama ontsundu, eyayalezwa ngu NTSIKANA. Amashwa ke okunga- vani, nokungazani, kwetu sedwa, awaychamba nalowo myolelo woka GABHA, xa site sakutyeshela ukuba yi Mbumba Yamanyama, asasambe- te nanamhla.

Kuko izizatu, ezibaleleyo. ezi- bange ukuba ezintlanganiso sizika- nkanyileyo zingam'bumbi ontsundu. Azivani kwazodwa : yileyo iquba ukuqonda kwayo yodwa, ayiteni kutabata icebo kwezinye; kanjaqo ingakatali nokuti ezinye izipakele kwinto ezixoxayo. Yileyo ihamba ihexa, isiwa, ivuka, isiba yiyo enceda umzi ngapezu kwezinye. Umzi awunakubunjwa ngamakwele; *in fact* ngawona awucitayo. Sesinye seziphako zentlanganiso ezikoyo ke eso. Kanti nangapezu koko kwa- kwezondawo zikuzo azitanga ziba shishinge bonke abantu. Le yo Manyano nge Mfundo imele uku- nceda ezondawo imamalungu kuzo. Amalungu ayo anokufunyanwa kwi siqingata sase Bhayi, e Rini, e bho- folo e Ngqushwa, nase Qonce. Ibako kabini ngonyaka. Iti xa ise Rini angabinakufikelela ose Qonce nose Dikeni ngenxa yokuba ituba likhabile; kanti iyakuba kwayilonto ukuba isondezwe e Qonce akanaku- fikelela ose Bhayi nose Bhofolo. Xa sitshoyo sibonisa ukuba intlan- ganiso ezinjengale yo Manyano nge Mfundo azinakuwunceda umzi, kuba kunqabiye ukuba bafikelele abantu, ngenxa yobala amaka- luhambe umntu. Ziyanzinisa, zaye nazo ngeLotuba ziqinile Kunjalonje azingeyikaulezeli into, kuba zingena kade, kude, kanjaqo. Imbumba oyifunayo umzi yile enjenge ya Mabulu. Yona itaba- ta isiqingata segosa elimiselwe ukuhlola indleko yempahla (Field- cornetcy), ifike imisele ukuba sibe nentlanganiso yaso. Kulo ntlanga- niso ayaya amadoda, abuye agoduke ngemini enye. Lentlanganiso imisa abatunywa bokuya kwenye, eyeyesiqingata (ngobumantyi) yona. Ize eye siqingata imanywe neye zinye iziqingata kwangabatunyu, abangadibana nakuwupina umandla Oko kukuti njengokuba ibidibene e Lovedale nje eyo Manyano nge Mfundo, bekungadibene malungu, kodwa abatumnye ngaanlungu entlanganiso ezise makaya. Ngale ndlela nosekava uyazi ukuba ungowo manyano—olubandakanywe ngezi ntlanganiso zezi qingata,

nezamahlelo,—lomzi upela. Liko ke nepepa lokupakela umzi indaba zezipaluka zonke, kuviswane ngento ecingwayo. Into elilizwi lomzi ontsundu yileyo ivunye yintlanga- niso ya Mahlelo onke. Amasebe olumanyano anokubako kwindawo zonke, kutata e Dayimani kuse e Mzi- mkulu, aze asuke e Bhayi aye kuposa e Herschel. Xa sisenjenje ke sisa- tshayelela ingxoxo enge Mbumba, ukuba umzi uze uxoxe kakuhle. Sicela imvo zamadoda acingayo akowetu ukuba ancedise umzi wakowawo, mayelana nokufezwa komyolelo womprofeti wohlanga u NTSIKANA owati, nozwi lisoloko lenze umtyangampo omnye ezindle- beni zabamameleyo ngengqondo, lisiti,— "IZE NIBE YIMBUMBA YAMANYAMA."

EZE ZITILI NGEZITILI.

E BHAYI:—Nge Queen's Birth Day usapo lwesikula se Cawa se Edward's Memorial Church, esonganyelwe ngu Mr. I. Wauchope lwalunomdlalo, (Picnic) etafeni. Lwapuma ngo 9 e Tyalikeni lukokelwe ligubu lamakwenkwe. I Band Master ngu Master Nampi Boo, owaye- kwayi Big Drummer. U Master Richard Maqanda eyi Side Drummer. I banners ngo Tom no Ginyamate. I Marshall ngu Mr. Ben Sinuka no Mr. Peter Wauchope (Teachers). Imidlalo yaba mandi kanye, Usapo lwaba no gqaso. Imbhaleli eza- tshatshelayo ngu Miss Sarah Qoqo no Miss Agnes Adam kwintombazana ezi- nkudlwana: kwezincinane ngu Miss Grissell Wauchope, intombi yomongameli. Kukamkwenkwe ngu Master Tom, inkwe- nkwe yakwa Mpundu chamba esikoleni no Master Kolie Boo. I Drum major (Nampi Boo) ayibalekanga kuba bate indala, bayoyika. Kusahlanganiswa imali yokufuna impahla yegubu. Amabhaso abiba ngu Mfundisi, u Rev. James Pritchard kunye no Mr. Leonard, umhlo- bo oweza nento eninzi yamabhaso. Inani losapo yayiyi 170.

EGCUWA.-Nge-Mgqibelo we 5th ku May lo, bekuhlangewe ngamakaba iyi voti, yonke into entsundu ebilapo ibitele ngokuvotela u Col. Griffith! Nase Ngqamakwe sekuvakele ukuba abantsundu bonke bate bavotela yena, kuba kungaba budunge ukuvotela umntu esingamazayo eko u Faku esima- ziyu.—Imantyi yase Gcuwa ibinentlan- ganiso yokukangela impu, ukuba iyasulwana. Kwafikwa iko'ba lase Sfamfengwini liyigcine kakuhle impu, ikazizela njengeyamapolisa. Lati iqela eline dopi lahlutwa lanikwa imfakadolo lonke.—Imantyi yase Gcuwa yenzO isi- yalo esibukali ngendawo roktiba inaku lghahlizelwa ukurafa, nala matynla initibi anje ngoku zuina, nokiidlvengula makafunelwe indlela yoktipeliswa pakuti komzi. Ezindawo zapendulwa kabukali ngamadoda ukuba unyanisile u Mnntyi, makwenzwe zinkosi itingudu ebonaka- lya kweze ndawo zikuzo. E dolopini e Gcuwa kute kwakuvakala amagwangga. awavotele u Cloete, yaselisiti kwaoka imidaka, ayi kuba satenga ezivenkileni zabo bengavotelanga u Griffith nje Abelungu bevenkile bona boke baswele abangeni. Sibafumene ngalo ndlela noko incinane yode ivokotekete. Andazi kodwa ukuba imantyi zona zotiwana ezipa- mbileyo ku Griffith.

KWAGATYANA.—Kuvawa konakelekwa Gatyana, e Wilowvale. Ute umu wase Mbangoole waya kubuza e Mantyni yakona ukuba esi siphitipiti somhlaba i yintonina apa e Wilowvale, suka imantyi yati makapume lomntu, ute yena ndise intetweni, ndipendule nkosi; suka imantyi yapesheya kwe Nciba yamfunza ngama polisa u Magaba, amba ngama- ndla amoyeswedisa kweso sitatu sama- tye sakwa Gatyana. fanukuba wapukile ukuya kuwa ezantsi. Abantu baku- mbula u Ngqalu (Mr. Streafield) kwaku- ba nje.

E TRANSKKI.—Imfundo isakuhamba kade kwintlanga ezintundu ! Utiobe- hamba—kute ngo-Mvulo we 7th ka May, kanye xa ehla nelo tafu lika Headman Stephen Shosha, wahlartana namaqela amakwenkwe evela emntshotshweni, kanye xa lipumayo ilanga. Kubonakele ngaina bhayana amhlotshana ukuba ngamakwenkwe amigoboka la. neti- tshala iya kufundisa into ezozelavo ngolusuku.

EMGWALI.—Umvumo owenziwe ngaba vumi base Mgwali ka Ngqika, wangena endlwini vetyalike ngosuku lwe 8 kule imvo. Isihlalo sitatyatwe ngu Rev. A. Welsh. Kwakuko iqela elihle hitna gwangga efama ezivumlelevo lomzi, kwa nabanisundu balomzi. Kwaqalwa ngo 3 p.m. kwada kwaya ku \*5\*30 p.m. Ingoma zangawga kunene—yayi zeze Lizwi nese lizwe. Ingoma ezinje ngo " I have been rambling," "Children of Salvation," " There is a stranger at the door," ne " Kafir Wedding Song, (Elomtshato)," anconywe kakulu ngabebeko. Ekubeni eli ihilinga lokuqala siya mncoma u Miss Hope, Umpati wesikolo sentombi, u Miss Soga, u Mr. Ncapayi, kwa namalungu elobuto—ngempumelelo yabo. Sitebms ukuba ngexa elizayo bobeka kwenye indawo engapambeli. Emva kwo Mqolo we Namba (God Save the Queen), Umgci- sihlalo uyindulule ngamazwi afaneleyo okubulela nokomeleza.

Elakwa Zulu.

Liyapitizela kwakona elakwa Zulu. Isizekabani, bati ukusixela, kundnluke iqela lamapolisa lipetwe yenye yemantyi zelozwe. Isiya kubatnba iqela lamadoda omzi ka Dinizulu, ekutiwa libilele umntu. Kuzakusike kupume impi iwa- gxotise ngolomkombe amapolisa lawo ne mantyi. Uti umu wase Mangesini, alifake ku Madlorandele alunge nalenda- uyo ukuba apume aye kuaceda amapolisa, isuke iqubane, kuwe amajoni amabini, koselwe amahashe use sitatwini. Am- malungu emfazwe selonde ngelo lakwa Zulu ukuya kubamba u Dinizulu..

Abaxhasi be "Mvo"

1 APRIL, 1888.

Isixhaso sepepa caifike ngalenyanga sesala manene namnuenkazi esivanika nrnbnlelo: —Messrs. B J Gontsho, J Balfour, Thos Wil- liams, I Zokoti, Jos Msengana, G Mkefa, Mrs M A Mhalla, Messrs Robt B Mliwana (\*adv) T E Sepuru, Fred G Hiles, J M fiatile' Bhill Njcolotnba, Sami Tshona, S Sopela, J Z Zini, Rev 8 Sihunu, Messrs D Gwele' P Hnti, B Mgcodo, Jonas G Diambon, Enoch Fanti, Jas Nyanda. W B Magidigidi, R G Mbulula, H Bottle, John Jacob, D Mbaza, Carter & Co (adv), Chas Musgrove^^ (adv), G E Cook (adv), G B Christian & (adv), Intp Mill (alk adv), Messrs Malcomess, Mrs M M Kosani (adv), Messrs J Mtyapi, T E Duckies, D E Hockly, Revs A Mankebe, T W Poocek, S Manoiya, J Ntikinca, J V Van Rooyen, Messrs G A ; Ross, Dani Ndawo, Jno Mlandu, Luke Zuba (alk), J F Mazamisa, PT Xabauisa, David Kwatsha, Sami B Jozi, Philip J Mayeza, E N Majatnbe, Mrs Luke Myandla, Messrs Tom G iqa, T a B Matolengwe, D Bikitsha, Elisha Mda, Jas Nguza, K Masiko, I Mbeu, Mauceli Mbuli, Klass Tuta, Rev R Lamplough, Messrs E J Beet (alk adv), Jacob January (adv), J Mntuzi, April Makanya, W N Gaxa, O T Martin, Rev W Philip, Messrs M J Poswa, S Mti, Eastern R System, C Sprenger (alk adv), Fred Hartland, W Ndulana, B Qina, Jno Langa, Miss P.Masiza, Mr A H Maci (adv), Mrs Cafu, Messrs J J Ngcaqu, J P Jameson & Co, J A Ntsiko, W Lutuli, James Gudla, Henry Mbambisa, Rev D D Young, Messrs Patuleni Kakaza, Johannes Cweba, Niven P Gasa, S S Mwahlra, Robt L Magezeni, P 8 Kuze, J S Kuze, W B Jojozi, P botyato, Sizani P Mpondo, Sol Sibene, Enoch Hlangabeza, W E Stanford, C.M. David Bolani, Robt Ciliwe, F Dwala, B B Kota, W Kisa, James Madala, John Mdala, Geo Manzini, E Jindela, J J Bovula, Faku M Jacob, Mrs Cherrie, Rev 8 Mvatnbo, Miss Sturrock, Messrs Luke Ntanta, Jan Gxilisho, Andrew Tabata, Rev Samuel Nohe, Messrs Chas Msikinya, J W Sondlo, J W Weir, W Balfour, Miss E Manana, Messrs Tonise Nzikiza, Tude Madolwana, Zech Sokopo, Klaas Tuta, J A Nkovo, B H Gqobose, Geo Msabiso, Miss S A Jacob, Messrs Jno Sululu, W Nongauza, P O Msusandaba, W J Poswa, Brownlee J Ross, Chas Siuxo, Petrus Sidzumo, H Sntela, J A Ntsiko, Pearce Mosraba, N Mantayi, W Mcyanda, Rev P Keswa, Messrs W Ntoko, J M Ngoezula, J S Dlakiya, Thos J Mbeviya, Miss J Nquka, Simeon Gawe, Joseph P Hannie, Ant Mrereto, B G Len\* non -kCo (adv), Rev J Zwelibanzi, Messrs Luke Daman, Boyce Skota (adv). George Had not, Rev A Grant, Messrs Steph Sisusa, F M Dlova, Messrs F Bukani, Thos Ntisana, S Dingiswayo, Philip Rozani, K K Ncwana, H Hlahle, I Stemele, Titus Mahe, Jno D'engezele, Thos Matumbu, Ed Ndlanzisa, J Lutu, Woolfrey (alk adv), Evans & Co (adv), Cape Govt Railways (adv), Sir Thos Scanlen, Messrs G Sichel, D Ndongeni, Joseph Langa, Jos D Mzato, A O Nk sans, Joseph J Solilo, B Ncapo, Niven N Magwanya, Rev G Kakaza, Messrs Ths Ngco- sa, L Xalisa, Cuthbert & Co fadvj, Rev D Ntlabati, Messrs J D Nchuka, Rev Silas Magawu, John Qinga, Revs J Mkosi, 8 Makhobotloane, Messrs Thos Makolisa, Job Sinxo, Green Siktindla, Cape Govt (adv), James Kay, Moses Sepainla, K Kayo, Rev E J Warner, Messrs F Ntsangani, R Beachamp, J Matahobana, Jesse Shaw, Rev W Y Stead, Messrs P Hermanns, Jno Ngaka, J J Mccanyangwa, Thos Ngxwazula, B M'Bengo, J McKoy, M. September, Rev J Conj wa, G Mb >ngwe, Messrs J ibie Madlaka, P Tyamazshae, B V Danckwerts, W O Carter & Co, Rev W Givu, Chief N Zibi, Mr P S Lusasen, Miss E Dikweni, Mrs Kraai, Messrs B Gele, M Kinass, Jno Ntuli, Genl Manager Kail, wavs, Rev J Nealo, Messrs C Matsolo, J J Irvine & Co (2), C Mpondo, M R Mphala, Rev A Masiza, L Ntanta (adv), J Notnbewc, Jno Dlengezele (adv), Miss S Tsana, PJ Ngxamngxa, E G Mahonga, Rev W Beste (adv), Messrs Faku Mputeni, Enoch Mamba, N Bottmwn (adv), M Roseudorff, Kev J W Gawler (adv & subs), Messrs J Molefe, S Ndubela, Benj Mavi, Booi Sipuka, G Sichel, VV S Kinana.

MAY, 1888.

Messrs. Joel Jack, S Franz, Booi Tontsi, Miss Makape'a, Rev C Bekwa, Messrs. M J Poswa, Zech. Mhlebe, Stephen Louw, Stephen Mdliwa, Crantner M. Sebets, Abraham D Kula, Rev. E Nyovane, Rev. J R. Ca eron (adv.), Messrs. T Ngwendu, John Masiza, Sol. Sibelekwana, J Dikidili, B Mtanti (adv.), D Ngabaza, Makebenzi (adv.), Chief E S Mhlambiso, Rev. W Wilkinson Rider, Messrs. P Gxaxisa, E Franz, Jos Mpijuda, Obed Zihlang, Georg Mgdlaudlu, Sol. Mavavana, John Mafonggo, Alex M Nj -kweni. Rev. H Matebula, Daniel Mataolo, David Matsolo, John Sigenu, Rev P Sepamla, Messrs. P Tshabalala, Daniel Nkayi, John Wn File, E H Wells (adv.) Thos Moriarty (<dv. & subs.), Baker Baker & Co. (adv.), II Swaartbooi, Earnest Nguka, Joel G Pakade. John W Parkie, JendeNtusi, P K Bingwa, Rev. E Maki wane, Mr. Loza, Messrs. Henry Ngcayiya, Henry Magoocoba, W Terwin, Mlenzana Zindlovu, Gedeon Ndani, Robt Blaithys, Thos Romo, D.vid Makiza, J L Blibrongh, Stephen Mei, Joseph Mbuya, Cornelius Mageza, Misses [Elsie G Yake, and A N Jonga, Messrs. Jim Vantyi, Chas Mzati, Misses Dabise Ntshona, and M Zidumbu, Messrs. B Q Mgwbeba, J Q : Sondlo, J Kani, Isaiiah Ngcosane, R M 1 Gaik a, Isaac Njadu, H Mashiyi, M Singnba, I Jno M Hashe, Rev. Father Fraser, W J Warren, M.L.A, John Mbane, Rev. E i Maki wane, fadv.), Messrs. Jos Hanns, W K Ntsikana, Estate Uceding Bros (adv J, W G Cumming, J Landela, Lewis J Joseph, H Sinyahla, Thos Ngudle, J G Nicholson (adv.), Rev. J Metcalf (adv.), Messrs. Jonathan Lokwe, A N Maga, Mharnbi Ntli, ziywar.a. J A Miquongo, N Falati, J Deltan, G Mhahlaka, E Mbaio, Sol L Ntlebi, Neil Dubasi, H M Mtombeni, John Skasana, E Franz, P Gxaxisa, Geo. Hadnot (adv), Philip Amose, Dyer & Dyer (adv J, Chas Mgdlaudlu, P Mfuniselo, Alex. Msutwana, L I S Caldecott, Nathan Keswa, J D Elba (adv.). Mrs Cafu.

